*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Bekunokuba njani ukuba ...?*
Illustrated by Mary-Anne Hampton
Written by Cristy Zinn
Designed by Julie Smith-Belton
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Durban on 7 November 2015.

ISBN: 978-1-928377-78-8

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

UNandi wayechophe kwizitephusi ezizuba zendlu yakokwabo.

Bekunokuba njani ukuba ezi lekese zizii-jelly beans bezinokukwenza utsibele phezulu kakhulu?

Ubungayokufika esikolweni ngomtsi omde omnye nje kuphela!



what-if_interior.indd 11 2017/12/14 11:37 AM

Bekunokuba njani ukuba iibhokhwe neenkukhu ezi bezithetha? Bezingabalisa iziqhulo ezihlekisayo bethu?





what-if_interior.indd 13 2017/12/14 11:37 AM



Bekunokuba njani ukuba izindlu ezi bezikwazi ukuntingela emajukujukwini njengeziphekepheke?

Usapho lwakho belunokuya kuchitha iiholide enyangeni!

what-if_interior.indd 15 2017/12/14 11:37 AM

Bekunokuba njani ukuba bekungekho mntu uphekayo? Bekunokuba njani ukuba isopholo ibivele nje izifikele etafileni?

(Kwaye ibe isoloko iyile nto kanye uyithanda kakhulu.)

Bekunokuba njani ukuba iziqeda bezinganyibiliki?

Beziza kuhlala ihlobo lonke.

what-if_interior.indd 18 2017/12/14 11:37 AM

Bekunokuba
njani ukuba
imifanekiso
esuka
ezincwadini
ibijikeleza
phezu
kwentloko
yakho lo gama
uTata
ekufundela ezo
ncwadi?





Bekunokuba njani ukuba iigambutsi zam ezipinki ibizezomlingo? Bendinokubaleka ngesantya esiphezulu ukodlula nobhuti wam omdala!

what-if_interior.indd 22 2017/12/14 11:37 AM

Bekunokuba njani
ukuba ubunokuvala nje
amehlo akho mba, ze ...



what-if_interior.indd 25 2017/12/14 11:37 AM

“Nandi, wenza ntoni?” kubuza ubhuti kaNandi.

UNandi wangqiyama apho esitephusini, enoncumo olukhulu ebusweni.

“Ndiyazicingela nje ...,” waphendula watsho.

